education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

FEBRUARY/MARCH 2009

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Eli phepha linamaphepha ali-9.

IMIYALELO

1. Eli phepha lemibuzo linamacandelo AMATHATHU, umzekelo ICANDELO A, ICANDELO B neCANDELO C.

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B: Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C: Ukusetyenziswa kolwimi	(30)

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Bhala icandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA uze ukrwele umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.

4. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

5. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

6. Landela imiyalelo ngocoselelo.

7. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

8. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Funda isicatshulwa esilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

Siza kumbiza ngo''Peter Lubisi'' umfana oneminyaka engama-20 ubudala ocinga ukuzibulala ngenxa yento eyamehlelayo. Ude wayeka nomsebenzi wakhe wokuqhub'isigadla, wayeneentloni zokuyixelel'intombi ancuma nayo – kwaye uthi akanakuphila nento eyenzeka kuye.

UPeter uthi wadlwengulwa ngamabhinqa amathathu ngoJanuwari. Uthi aye hamba namadoda awaye bukele xa loo mabhinqa ezenzela kuye. ''Ndikhe ndicinge nokuziphosa phambi kololiwe ngenxa yesihelegu esandihlelayo. Xa ndikhe ndacimela ibuya yonke loo nto ndibe ngathi ndiyibukele kwifilim,'' utsho.

UPeter wayehayikha esuka emsebenzini eNelspruit, egoduka esiya eMangweni ngaseKomatipoort ngorhatya lomhla wama – 21 kuJanuwari. Wakhweliswa yiToyota Venture eyayineenombolo – mbhalo zaseGauteng ihamba nabantu abahlanu.

Emva kokusuka apho imoto yangen'ehlathini elisecaleni kwendlela enguN4 esempuma yeNelspruit. Ehlathini bamkhulula waze uPeter waza wanyanzelwa ukuba alale namabhinqa amathathu kwisitulo esingasemva, abe amadoda amabini emkhombe ngemipu. Wazama ukuxhathisa eny'indoda yamdubula warhecwa yimbumbulu eqatheni.

''Ngoku ndiyakoyik'ukuhamb'imigam'emide. Andiqondi nokuba ndiya kuze ndiphinde ndiwuhambe umgama omde,'' utshilo uPeter ezibambe ngeenkophe iinyembezi.

Ngoku ufuman' iingcebiso noluleko kumbutho weMasisukumeni Women's Crisis Centre eTonga. Apho wenziwa novavanyo lwentsholongwane i-HIV. '''Ndisavuyile ukuba iziphumo zokuqala zithe andinayo, kodwa ndinexhala lezesibini ngathi luza kuthi ndinayo.''' Ukwathe akaziboni ekhanuk'indibano yesondo kwakhona. ''Andizange ndaba nendibano yesondo ngolwa hlobo ebomini bam''. Akugqiba amtyala ecaleni kwendlela uPeter nempahla yakhe, amnika ne-R20.

Wagoduka wafika walala cum ngaphambi kokuvuka aye emapoliseni. Wafowunela nesithandwa sakhe esichazela okwenzekileyo kodwa asizange simkholelwe. ''Ndikhe ndacinga nokwahlukana naso kuba into eyenzeke kum ayamkeleki. Andifuni nokusosulela ngezifo ezisenokuba zandosulela.'' Ngokuya siqhubeka nodliwano-ndlebe lwethu uPeter uphinde wayijika intetho yakhe wathi: ''Xa ndisifowunela isithandwa sam sithi ndiyaxoka. Sibona ngathi ndizama ukuquma ukungathembeki kwam kuso.'' Ingaba uPeter unyanisile? Ingaba ngenene wadlwengulwa?

Isithethi samapolisa aseTonga, uConstable Nyambi, uthi eli tyala liyaphandwa. ''Phofu ke manditsho ukuba siyaqala ukuphand'ityala elinje. Kangangokuba asazi nokuba masiphande ityala lokudlwengula okanye elokuxhatshazwa kumzimb'ongezantsi na?''

UBusi Sithole ongumcebisi nomluleki waseMasisukumeni Women's Crisis Centre naye uthe uyaqala umbutho wabo ukuva ityala elinje. Ukwathe uPeter uza kuqhubeka nokufumana iingcebiso nentuthuzelo ngokwamehlelayo.

"Siyazi ukuba amadoda ayadlwengulwa ngamany'amadoda kwaye ayoyika ukukuxela emapoliseni oko", utsho u-Annesta Hofer weGreater Nelspruit Rape Intervention Project. Bathini ngamadoda adlwengulwa ngabafazi? UHofer uthi sinye isiganeko soko esixelwe kwiGRIP. Senzeka ngo-2005 xa umfana one-18 wadlwengulwa ngamabhinqa amathathu.

Okwenza umdla kukuba eso siganeko siyafana nesikaLubisi kuba loo mfana wayeneminyaka eli-18 ngoko kanti yena uneminyak'engama –20 ngoku, ukanti naye wathi udlwengulwe ngamabhinqa amathathu. Loo mfana wancedwa ngumqeshi wakhe, wavul'ityala emapoliseni waza wafumana iingcebiso nentuthuzelo kwiGRIP wanyangelwa nezifo ezosulelwa ngendibano yesondo.

Akuzange kubanjwe mntu kuba loo mfana wayengawazi amabhinqa amdlwengulayo. UHofer uthi waba nesibindi ngokuxela ukudlwengulwa kwakhe emapoliseni. "Uza kufuna iingcebiso ixesha elide kwiMasisukumeni kunye nothando nenkuthazo angayifumana kusapho nakubahlobo."

Sibone kubhetele ukuba xa silisonga eli bali sithethe nentombi ancuma nayo. Yona ke ithe: "Ndifun'ubungqina bokuba wadlwengulwa nyhani. Andizange ndeva ngendoda edlwengulwe ngamabhinqa", itshilo izibambe ngeenkophe iinyembezi.

"Andazi ukuba mandithini kuba ndiyamthanda kwaye ndifuna ukutshata naye, kodwa kunzima kuye ukundichazela okwenzekileyo."

[Icatshulwe kwi*Bona,* EPreli 2008]

IMIBUZO:

1.1 Kungani ukuba uPeter avume ukwenziswa into ebuhlungu nangayithandiyo eyindoda? (2)

1.2 Thiya esi sicatshulwa isihloko esifanelekileyo? (1)

1.3 Ucinga ukuba sizathu sini esibangela uPeter ade acinge ngokuzibulala ngenxa yento eyamehlelayo? (2)

1.4 Yiyiphi indlela ekhawulezileyo yokuzibulala awayecinga ngayo? (1)

1.5 Kule mihla amafutha eemoto anyuka rhoqo, nto leyo ebangela ukuba abantu baziqhelanise nokuhayikha. Nika isizathu esibangela ukuba izinga lokuhayikha linyuke kule mihla? (1)

1.6 Nika isizathu esinokubangela ukuba uthi ukuhayikha akulunganga nangona zininzi izinto ezilungileyo ekuhayikheni? (1)

1.7 Yintoni eyenzeka kwesi sicatshulwa engaqhelekanga? (1)

1.8 Sizathu sini esibangela ukuba uPeter enziwe uvavanyo lwentsholongwane iHIV emva kolu dlwengulo? (1)

1.9 Yintoni eyayibangela ukuba isithandwa sikaPeter singamkholelwa xa esithi udlwengulwe? (1)

1.10 Xa inokuba nguwe owehlelwe sesi sihelegu, isithandwa sakho singakukholelwa, de siqwele ngokuthi uyaxoka ungathini? Cacisa. (2)

1.11 Nika iimpawu zibe mbini ezilindelekileyo kumntu odlwenguliweyo. (2)

1.12 Khetha impendulo kwezi zilandelayo:

Amadoda xa edlwengulwe ngamanye amadoda:

A Akoyiki ukuxela emapoliseni.
B Ayoyika ukuxela emapoliseni. (1)

1.13 Ingaba esi siganeko sikaPeter sokudlwengulwa komfana sesokuqala? Xhasa impendulo yakho. (3)

1.14 Ingaba uPeter unyanisile okanye uyaphosisa xa esithi wadlwengulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

1.15 Luthini uluvo lwakho malunga nomfana odlwengulwe ngamabhinqa? (2)

1.16 Ucinga ukuba yayiyintoni injongo yokuba la mantombazana mathathu adlwengule uPeter? (1)

1.17 Sizathu sini esibangela ukuba intombi kaPeter ifune ukuzikhwebula kuye emva kodlwengulo? (1)

1.18 Kumgaqo-siseko woMzantsi Afrika abantu basetyhini nabasebuhlanti bayalingana kodwa kubonakala kungenjalo kuba uPeter akakholeleki xa esithi udlwengulwe ngamantombazana amathathu. Yintoni ebangela ukuba yena angakholeleki ncam xa esithi udlwengulwe de angakholelwa nasisithandwa sakhe? (2)

1.19 Nika iingcebiso ezimbini kubantu abasaqhubekeka nesi senzo sikaPeter sokuhayikha. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo, wandule usishwankathele ngawakho amazwi. Chaphazela iingongoma eziphambili. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Shwankathela ngezivakalisi eziphele leleyo. (3)
2. Sebenzisa awakho amazwi ngokusemxholweni. (3)
3. Shwankathela ungadluli kumagama angama-60. (2)
4. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo. (1)
5. Umsebenzi wakho mawucoceke. (1)

Qaphela ukuba uza kohlwaywa xa uyityeshele le miyalelo ingasentla.

'URhulumente angenza ngokuthe kratya!'

Ukufuya iinkomo kusegazini kuJacob Zuma. Kaloku le ndedeba ingumongameli weANC, yakhula ingumalusi weenkomo, ifundiswa nokubeth'iintonga eNkandla kwiphondo lakwaZulu Natal. Iinkomo zakhe zanda zangaphaya kwe-100, kodwa zabulawa yimbalela.

''Yazibulala kakhulu loo mbalela iinkomo zam ndashiyeka nezimalunga ne-30. Ndiza kutheng'ezinye kuba ndiyazithand'iinkomo, ndithand'ivumba lobulongwe bazo!'' utshilo kwiBona.

Kutshanje umbutho woonotekisi weKZN Taxi Owners' Association uthengele uZuma eziny'iinkomo. Kubekho amarhe okuba bamthengele iinkomo ezili-18, kodwa uwakhabile loo marhe.

''Bandithengel'iinkomo ezisibhozo, baza bandixhelel'ezine'', utshilo. Ukwathe eso sipho seenkomo ezine sibe negalelo ekuvuseleleni umhlambi wakhe. Uninzi lwabantu lukholelwa ukuba imimandla ethile yakwaZulu – Natal naseMpuma Koloni ibingahoywanga phantsi kolawulo lukaThabo Mbeki.

Le mimandla ibeke amathemba ayo kuZuma ukuba ayiphuhlise, kwaye naye uyathembisa ukuba yeyona aza kuyibeka phambili kuluhlu lwezinto aza kuzenza akuba ngumongameli weli lizwe.

''Bendisekhaya ndixoxa kutshanje kanye ngezinto ezinjalo. Abantu abawusebenzisi umhlaba. Kufuneka sizijonge ngokutsha iinkqubo zokuphuculwa kweendawo ezisemaphandleni kunye nabantu basezilalini ababaziyo ubomi basezilalini.

''Sifanele sikhuthaze abantu ukuba basebenzise umhlaba. Baninzi abantu abakulungeleyo oko kuba ukunqongophala kwamathuba emisebenzi kubenze babona umhlaba ungabakhuph'endlaleni. Ndiyakholwa uRhulumente unokwenza okuthe kratya ukubanceda. Oko kubalulekile ekulweni ingxaki yentswela-ngqesho.

"Abantu basezilalini bafudukela ezidolophini nto leyo ekhokelela ukuba imimandla yamatyotyombe yande. Kufuneka sifumane iindlela zokusombulula loo ngxaki", utshilo uZuma uzenzel'igama ngokuba ngumxolelanisi kwilizwe laseBurundi naseKZN.

Uceba ukusebenzisa obo buchule bakhe ukuphelisa ukungavani kweentlanga ngeentlanga xa enokuba ngumongameli weli. "Asikhange siyitshaye isaqhuma kulo mba – sazixelela ukuba izinto ziza kuzenzekela ngokwazo. Sinabahlali basezifama, abasebenzi nabalimi abahlala ndawonye kwaye asikhange singenelele ekwenzeni kubekho imvano phakathi kwabo." Ukwathe le ngxaki yenziwa nakukuba abantu basuka balindele izinto ezingenakwenzeka.

"Umntu ohlala efama uzixelela ukuba kwakuthiwa ukhululekile, imeko yakhe iza kutshintsha ngoko nangoko. Iimeko zoqoqoqsho azivumi kuba ezo zinto zenzeke ngokukhawuleza." "Sifanele sibe neendlela zokuqhagamshelana nabalimi. Kufuneka sibe nezivumelwano eziya kunceda iinkokheli zamacala omabini zikwazi ukuwusingatha ngendlela lo mba," utshilo. Uthe ukholelwa ekubeni izenzo zocalulo ngobuhlanga ezenzeke kutsha nje, njengeso sevidiyo yaseYunivesithi yaseFree State ziziganeko ezingenzeki rhoqo.

[Icatshulwe kwi*Bona,* Meyi 2008]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

3.1 Jongisisa le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.



3.1.1 Ziziphi izinto ezibonisa ukuba lo mama akakuvuyeli ukubona lo mntwana apha? (2)

3.1.2 Ingaba lo mntwana uza kujika kule nto ayithethayo? Nika isizathu sempendulo yakho. (3)

3.1.3 Intetho ethi "ndize kufuna endikufunayo" ungayitolika njani? (2)

3.1.4 Ngokujonga kule khathuni, ingaba le ntetho yesi sibini yenzeka kweliphi ixesha, elangoku okanye kudala? Nika izizathu zempendulo yakho. (3)

3.2 Sebenzisa isenzi esingu 'ukuthanda' kuhlobo lokuqondisa ngokuthi wenze izivakalisi ezifutshane ubonakalisa:

3.2.1 Ixesha elimiyo (1)

3.2.2 Ixesha eladlulayo (1)
[12]

UMBUZO 4

4.1 Sebenzisa igama elisisithetha-ntonye endaweni yegama elibhalwe ngqindilili kwezi zivakalisi zilandelayo:

4.1.1 Aboni bayayibaleka ingqumbo kaThixo kuba **iziphoso** zabo ziyabagweba. (1)

4.1.2 Wenza **isazinge** entlabathini umntwana. (1)

4.2 Xela umsebenzi wesakhi ngasinye esibhalwe ngqindilili kula magama okanye amabinzana alandelayo:

4.2.1 Amadoda **ama**ninzi ayoyikeka. (1)

4.2.2 Be**zi**zingelwa kudala iinyamakazi. (1)

4.2.3 Abadlali baphumle phaya emthunzi**ni**. (1)

4.3 Sebenzisa ezi zaci zilandelayo kwizivakalisi ezifutshane:

4.3.1 Ukungabi nasifuba. (1)

4.3.2 Ukuzityanda igila. (1)

4.4 Sebenzisa igama elinye endaweni yebinzana ngalinye kula alandelayo:

4.4.1 Uthuli oluphuma emazimbeni xa ebhulwa. (1)

4.4.2 Indlu yomkhwetha. (1)
[9]

UMBUZO 5

5.1 Sebenzisa eli gama lilandelayo ukuze kuphuhle iintsingiselo ezimbini ezahlukeneyo: Ibamba (2)

5.2 Hlahlela esi sivakalisi silandelayo ngokwamagatya ukhuphe igatya eliyintloko nelayamileyo uze uchaze ukwalamana kwawo ngolu hlobo:

INANI	IGATYA	UDIDI NOLWALAMANO
A		
B		

Umfundi ozifundisisayo iincwadi akatshoni ziimviwo. (4)

5.3 Bhala esi sivakalisi silandelayo ngokwengxelo-ntetho:

''Hlala apha ndide ndibuye'', utshilo umfana. (3)
[9]

AMANQAKU ECANDELO C: 30

AMANQAKU EWONKE: 70